



Ikamva-Ukunonophela
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

Isihloko sesifundo: Ukukhusela iNdalo kaThixo

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiKolo seCawa esithi “**Ukukhusela iNdalo kaThixo**”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kuzenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS</p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongezwayo / sisixhobo esongezelwayo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) <p>Qaphela:</p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekiso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Niyafuna Uku...)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



Isifundo

Isihloko seSifundo	Ukukhusela iNdalo kaThixo
Imibhalo yeBhayibhile	Genesis 1: 26-31, Genesis 8: 22, iNdumiso 8: 6 kunye Ne Ndumiso 104: 10-15
Injongo yesifundo	Ukuqonda ukuba umhlaba uyindalo kaThixo kwaye luxanduva loluntu ukukhusela.

Isishwankathelo sesifundo:

Umhlaba uyindalo kaThixo .

Luxanduva lwethu ukuba siyikhathalele kwaye siyikhusele.

Yintoni esinokuyenza ukukhusela indalo kaThixo?

Okwangoku kufuneka ube uqhelene nesiVumo soKholo sethu. Isinqaku lokuQala loKholo lithi:

Ndiyakholelwa kuThixo, uYise, uSomandla, uMdali wezulu nomhlaba. Kweli nqaku, amaKristu ayavuma ukuba umhlaba uyinxalenye yendalo kwaye ke ngumsebenzi kaThixo.

Oku kuthetha ukuba abantu mabawuphathe ngentlonipho nangowuthanda, njengayo yonke into edaliweyo nguThixo.

- UThixo unike abantu isikhundla esiphambili phakathi kwazo zonke izidalwa.
- Sidalwe ngokomfanekiso wakhe kwaye ke sinoxanduva kwindalo kaThixo.
- Ngelishwa, abantu abaninzi bayayonakalisa indalo kwaye bayisebenzisa gwenxa indalo yomhlaba.
- Ezi zenzo zitshabalalisa ukuhambelana kwendalo kwaye sibeka emngciphekweni ikamva lethu kwaye sibeke engozini ubukho bezizukulwana ezizayo.
- Abantu banikwe umsebenzi wokukhathalela nokukhusela umhlaba - oko kukuthi, ukuwubumba, kwelinye icala, nokuwukhusela kwelinye icala.

IGenesis 1: 26-27: “Masenze umntu ngokomfanekiselo wethu ngokufana nathi; mababe nobukhosi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni ezizitho zine, nasemhlabeni wonke, nasezinambuzaneni zonke ezinambuzela emhlabeni. Wamdala ke uThixo umntu ngokomfanekiselo waKhe; wamdala ngokomfanekiselo kaThixo; wadala indoda nenkazana”

- Nangona kunjalo, indalo kaThixo ibaluleke kakhulu kangokuba akasisebenzisi nje ukuba siyikhathalele kwaye siyikhusele, ukwayiphembelela rhoqo njengoko uMdumisi esitsho:

lindumiso 104: 10-15: ***“Ulothuma imithombo iye ezihlanjeni ; Ihamba phakathi***

kweentaba; Iseza zonke iinyakazi zasendle; amaesile asendle aqabula inxano lawo.



Kuhlala phezu kwayo iintaka zezulu; zitsholoza phakathi kwamasebe. Uloseza iintaba kumagumbi akhe aphezulu; Uyahlutha umhlaba ziziqhamo zezenzo zakho.

Ulontshulisela iinkomo utyani, Nomfuno wokunceda umntu; Ukuze kuphume isonka emhlabeni, iwayini iyivuyise intliziyo yomntu; bakhazimle abantu ngeoli, isonka siyixhase intliziyo yomntu.”

- Kuninzi esinokukwenza ukukhusela indalo kaThixo:
 - Singayixhasa imibutho ekhusela okusingqongileyo kunye nezilwanyana.
 - Asenzi inkunkuma engeyomfuneko kwaye asishiyi inkunkuma ijikeleze kwindalo.
 - Asikulahli ukutya okusenako ukutyiwa.
 - Singazixhasa iinzame zokukhusela okusingqongileyo.
 - Zininzi ezinye iindlela... ungacinga ngezimbalwa?

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- UThixo owadala umhlaba.
- Luxanduva lwethu ukukhathalela nokukhusela indalo kaThixo.
- Abantu kufuneka bakhusele umhlaba ngobukho babo nakwizizukulwana ezizayo.

Imibuzo:

1. Kuthetha ntoni ukubumba umhlaba?
kukwenza amasimi nokutyala imbewu nemifuno; ukukhulisa nokusebenzisa izilwanyana; ukwakha izindlu ukuze kugrunjwe amaqula
2. Kuthetha ntoni ukukhusela umhlaba?
 - ü *Asizicingeli izilwanyana njengezinto, kodwa siziphatha njengezidalwa zikaThixo.*
 - ü *Asibangcungcuthekisi, kodwa sizinika indawo eyoneleyo kunye nokhathalelo.*
 - ü *Asiyingcolisi indalo ngabom kodwa siyayikhusela kwiimpembelelo eziyingozi.*
 - ü *Senza konke okusemandleni ukukhusela indawo yokuhlala yabantu, izilwanyana nezityalo.*
 - ü *Senza konke okusemandleni ukubuyisela indalo naphina itshatyalalisiwe.*
 - ü *Senza konke okusemandleni ethu ukuqinisekisa ukuba izizukulwana ezizayo zinendawo engenakonakala kwikamva lazo.*
3. Jonga olu luhlu lungezantsi uze ubone ukuba wenza kangakanani ukukhathalela nokukhusela okusingqongileyo:
 - Sebenzisa kwakhona



- .. Musa ukungcolisa
- .. Yonga amanzi
- .. Sebenzisa umbane ngokonga

Ngaba unokucinga ngaphezulu kokudibanisa kuluhlu?

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sancede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen